basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**2022**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha asi-7.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-80
   ICANDELO B: Imizuzu engama-40
   ICANDELO C: Imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Ukungxama kwam kwalimosha elo theko **[50]**

1.2 Ukuba ndingaphinda ndibemncinci, ndingakhetha ukuba neminyaka e ... **[50]**

1.3 Ubomi ngaphandle kweeselfowuni **[50]**

1.4 Olona didi lomculo ndiluthandayo **[50]**

1.5 Unyaka wama-2021 **[50]**

1.6 Abantu abangoomama bangumqolo wesizwe **[50]**

1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7.1 okanye 1.7.2). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko kunye nomfanekiso owukhethileyo.

1.7.1



[Uthatyathwe kwi-shutterstock.com] **[50]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA ESESIKWENI EYA KUMHLELI**

Bhala ileta eya kumhleli wephephandaba i*Sunday Times* kule dilesi, 16 Empire Road, Johannesburg 0001, uvakalise izimvo zakho malunga nokungacaciselwa kakuhle koluntu ngeVakhsini yeKhorona. **[30]**

2.2 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela utitshala wakho ileta umbulele ngokukunceda kwakhe kulo nyaka. **[30]**

2.3 **IRIVYU**

Bhala irivyu yefilim obukhe wayibukela. **[30]**

2.4 **INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi kwabafundi ababini malunga nokubaluleka koqeqesho lokufunda umsebenzi (*internship*). **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **IFLAYA**

Bhala iflaya wazise ngogqirha ofikayo kwidolophu yakho kunye noncedo olufumaneka kuye. **[20]**


3.2 **UNGENISO KWIDAYARI**

Bhala ungeniso kwidayari lweentsuku ezine malunga nenkqubo yokulolonga umzimba ngenjongo yokuzigcina nisempilweni ngexesha leemviwo. **[20]**

3.3 UMBUZO 3.3 wemephu wujonge kwiphepha elilandelayo.

3.3 **IZALATHISI**

Bhala izalathisi zokubonisa umhlobo wakho ohamba ngeenyawo indlela esuka *e-Admin Building* eya e-*Library.* Landela iintolo ezisemephini.




[Ithatyathwe ku-www.sun.co.za, yaza yahlelwa] **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**